# Umngcelele Wabasebenzi Base Eskom Wokumisa Ukulahleka Komsebenzi

Umngcelele wabasebenzi base Eskom ubuzinyaswe ngabasebenzi abangaphezu kwe 3000 kundlu nkulu wenkampani e Megawatt Park ngomhla we 29 June bebanga ukuba kupheliswe ukwakhiwa ngokutsha esekudle amawakawaka emisebenzi.

Abasebenzi bahlale kwimida yenkampani ngelithuba izithunywa ezivela kwi National Union of Mineworkers (NUM), ne National Union of Metalworkers of SA, kunye ne Electricity Workers Union (EWU) zithethana nabaqeshi.

Emva kweyure ezine abasebenzi bafumana inzuzo xa ebalulekileyo xa i Eskom ivuma imibango yabo.

Le mibango yile:

- I Eskom mayinqumamise ukugqubeka nenqhubo yokwakha ngokutsha;
- Ukubhatalwa kogesi inyanga nenyanga makupheliswe;
- Inqubo yokwakha ngokutsha mayibe ngumba ekuxoxwa ngawo kwiqonde eliphezelu;
- I Eskom mayingaqhubeki nemicimbi yabucala kunye nemida yabucala.



Intshukumo yeninzi kwi-ofisi ze Eskom

### Isivumelwano se Eskom

I Eskom kunye nemibutho ivumelene ngalemiba ilandelayo:

1. Ngentlanganiso ye Eskom kunye nemibutho yabasebenzi kuchazwe imiba eyohlukeneyo ngenjongo zokuthembana ngokukhawuleza.

Zombini i Eskom kunye nemibutho yabasebenzi ivumelene ngokukhawulezisa ukumisela lo ntlanganiso;

2. I Eskom ivumele ngokungadendi nawuphina umsebenzi kude ibe leloxesha abaphathi abanabasebenzi abadlulisileyo kuxoxwe ngabo kulo ntlanganiso.

3. I Eskom izokuqwalasela isigaba sesi 4 ngaphantsi eqhubeka ngokuthi:

3.1. kuqwalaselwe izicelo zokuzifunela ngokwahlukeneyo;

3.2. kusetyenziswe ukuzinikela kuqeqesho nophuculo lwamacebo azokuhlangabezana nokudluliseka kwabasebenzi;

4. I Eskom ivumile ukuba apho kunabasebenzi abaninzi kuqhagamshelwane ngokwamaqela achaphazelekayo, kuboniswane ngemibono ekhoyo kwaye kumenye kwingxoxo zolo mibono.

# Imibutho ne Eskom Baqale Ingxoxo Ezibalulekileyo

Imibutho emele abasebenzi be Eskom ibihlangene nabaqeshi ngo July 21 kuxoxwa ngendlela nenzame zokufaka abasebenzi ekwenziweni kwezigqibo.

Intlanganiso leyo ibizinyaswe yi National Union of Mineworkers (NUM) i National Union of Metalworkers of SA (NUMSA) kunye ne Electrical Workers Union (EWU) neminye imibutho yabasebenzi abamhlophe.

Inqhubo yentlanganiso ibi 'nguvula avale' nangona injongo ibikukuxoxa ngokusekwa kwezakhiwo ezizokuthi abasebenzi babenenxaxheba kwizigqibo ezibachaphazelayo e msebenzini.

Ukuqala kwentlanganiso, yonke imibutho yabona kubalulekile kwaye iyimfuneko ukuba lomba ufakwe kwihlelo lentlanganiso.

INUM iphakamise lemi bandela ilandelayo:

### Ibhodi yabaphathi

Ibhodi ye Eskom isoloko igcwele iqela lamadoda amhlophe bashiye ecaleni abasebenzi.

Le nto kufanele iguqulwe ukuze ibonakalise uhlobo elulo i Eskom. Olu tshintsho malibe nabameli babasebenzi ebhodini.

### Ulwakhiwo ngokutsha

IEskom bayifunde uqagamshelwano. Izigqibo zisoloko zithathwa ngasemva kwamacango, zize zidluliselwe kubasebenzi nakwimibutho yabo.

Imibutho ebiziweyo kule ntlanganiso isivumile esisigqibo. "Yinto engavumelekanga kwaphela", utshilo ummeli we NUM u Gwede Mantashe. "Sifuna ukuba khona kwizakhiwo zokuthatha izigqibo", ugqube watsho u Mantashe.

### Inxaxheba enkulu

I NUM iphakamise ukuba kufanele sakhiwe njani isakhiwo sengxoxo. Izigqibo ekufikelelwe kuso ezingxoxweni kufanele kufakwe nama shaft steward kwaye ngokunjalo nabaphathi abakwiqela eliphakathi neliphantsi kule nqhubo.

Njengokuba uMantashe ebekile: "Inqhubo mayilungiswe ngabantu abasebenza umbane kunye nosomashishini. Ayincedi into yokuba sihlale kwigumbi lentlanganiso sibe siguqula imibono ngobuchule kodwa abantu abachaphazelekayo imihla nemihla bengayiqondi inqhubo."

# Inyathelo Licetyiwe Kubaqeshi Abazokugxotha Abasebenzi

Inkampani ezokugxotha abasebenzi ngokuthatha inxaxheba kugwayimbo oluzayo zizokujongana nephulo lokuba zikwaywe.

Intlangano zontathu zithathe isigqibo sokuba zigqugquzele inkxaso yeziwe ngezizwe kwezonkampani zizokugxotha abasebenzi ngokumamela ikhwelo lokuhlala ekhaya kungayiwa emsebenzi ngomhla we 3 ne 4 ku August.

Olwesibini uqanqalazo olusemthethweni lizokubizwa ukunyanzelisa iinkampani ukuba ziyeke ukugxotha abantu kwaye maziphinde ziqeshe bonke abasebenzi ebezibagxothile ngethuba loqanqalazo jikelele.

## iNUM inikeze nge R30 000 kumaxhoba ezixholoxholo

**Umongameli we NUM, uJames Motlatsi umemezele ukuba iNUM izokufaka nge *R30 000* kwingxowa mali yase Boipatong ukunceda amaxhoba ezixholoxholo e Mzantsi Afrika.**

**uMotlatsi ebethetha namawaka abasebenzi mgodini eWestern Deep Levels kwisikhumbuzo sokubulawa kwabantu base Boipatong ebesibanjwe ngomhla we 29 June 1992.**

**Esi sikhumbuzo besindwendwelwe zinkokheli ze NUM kunye nabaphathi bemayini yase Anglo kunye nomphathi jikelele wenqila, umnumzana Mcluskie bebolekisana ngeqonga kunye nomongameli we NUM.**

**uMotlatsi ucele abaqeshi bemayini nabo bafake isandla kwingxowa mali yase Boipatong njenge ntlekele yesizwe.**

**Uphinde wacela bonke abasebenzi mgodini nabo bafake isandla ekuvelana namaxhoba ezixholoxholo.**